

Vuk'uzenzele

**JOBS
INSIDE:**

Produced by Government Communications (GCIS)

English/isiXhosa

| EyeSilimela 2019 Ushicilelo I



The people's President



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews



Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

Email: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0353

**FREE
COPY**

Presidential Inauguration Special Edition

Iphulo le-YES liphuhlisa ulutsha



Iphulo leNkonzo yokuPhuhliswa koLutsha (i-YES) lineenjongo zokunika abantu abatsha abasisigidi abangasebenziyo imisebenzi ebhatalayo isithuba esiyiminyaka emithathu.

Eli phulo laqalwa nguMongameli Cyril Ramaphosa lineenjongo zokuxhobisa abantu abatsha ukuze balungele ukungena emisebenzini nokubanika izakhono zobuchule ezifunekayo eziza kuba sisiseko samaphulo okwakha imizi-mveliso yale mihla nokuvuselelwa koqoqosho lweli lizwe.

I-YES liphulo likarhulumente, abasebenzi kunye namashishini lokuqinisekisa ukuba abantu abatsha boMzantsi Afrika bakulungele ukungena emisebenzini.

Ukuza kuthi ga ngoku, eli phulo le-YES sele lidalele abantu abatsha abangasebenziyo izithuba zomsebenzi ezingama-17 000.

Ukuba ungumntu omtsha kwaye ufuna ukuba yinxalenye ye-YES kufuneka wazi oku:

Zintoni ezifunwayo ukuze umntu omtsha abe yinxalenye ye-YES?

Abantu abatsha abayinxalenye ye-YES kufuneka:

- Babe ngabantu abaNtsundu, ngokwendlela umntu

ontsundu achazwa ngayo kwinkqubo yoPhuhliso lwabaMnyama kwezo-Qoqosho (i-BEE).

- Babe neminyaka yobudala ephakathi kweli-18 nengama-34 (umntu omtsha unale minyaka ubudala); futhi abe ngummi woMzantsi Afrika.
- I-YES ayiyonkqubo yabantu abatsha abafuna ukutshintsha imisebenzi koko yeyabo bantu abatsha bangasebenziyo.

Ngawaphi amabakala emfundo ekufuneka umntu abe uwaphumelele ukuze abe yinxalenye ye-YES? Ingaba umntu ongenayo imfundo enomsila angakwazi ukubhalisa?

I-YES ilungiselelwe wonke umntu omtsha ontsundu ongasebenziyo oneminyaka yobudala ephakathi kweli-18 nengama-34, nokuba ufunde waphela kweliphi ibanga.

Ingaba niyakwazi ukubanceda abantu abatsha abahlala kwiindawo ezisemaphandleni?

I-YES yasekelwa ukunceda abantu abantsundu abatsha abangasebenziyo nabangabemi boMzantsi Afrika naphi na apho ba-

khoyo kweli lizwe.

Ingaba i-YES iyayixhasa ngemali, ii-ofisi okanye nangezixhobo zokusebenza imibutho engekho phantsi korhulumente (ii-NGO) kunye namashishini asakhasayo?

Uhlobo loncedo i-YES olunikwa amashishini kunye nee-NGO aliyomali, koko iwanceda ngophuhliso lwezakhono kwakunye nokuthumela abantu abatsha kuloo mashishini ukuba baye kusebenza. Ngelishwa, asikwazi ukunceda amanye amahlakani ngemali, ii-ofisi okanye izixhobo zokusebenza okanye amagama abantu abangaluncedo.

Ingaba i-YES ibanceda njani abantu abatsha abafuna ukuziqalela awabo amashishini? Ingaba niyalunika uncedo lwemali?

Ngelishwa, i-YES ayinalo uncedo lwezimali olunikwa abantu abatsha abafuna ukuziqalela awabo amashishini. Noko kunjalo, singawanceda amashishini amancinane, aphakathi namancinci (ii-SMME) ngokuwawika abantu abatsha, abanengqondo ezibalekayo neziloliweyo.



Ndineshishini elisakhasayo kwaye ndifuna ukuthatha abantu abatsha abayinxalenye ye-YES bazokundisebenzela, kodwa andinayo imali yokubhatala imivuzo yabo. Ingaba ndingathatha inxaxheba njani kwi-YES?

Ukuthumela abantu imivuzo yabo esele ibhatalwa kuyinxalenye yezinto ezenziwa yi-YES. Amashishini amakhulu anazo zonke izinto ezifunwayi-YES angakhethe ukuthatha abantu abatsha basebenze kuwo okanye abathumele kwi-SMME bebhatala imivuzo yabo, into leyo ethetha ukuba yona i-SMME leyo ayizikubhatala imivuzo. Umntu omtsha uza kusebenza kwelo shishini athunyelwe kulo isithuba esizinyanga ezili-12, umvuzo wakhe ube uhlawulwa yile nkampani imthumelelo.

Ingaba ndingazikhethela umntu omtsha endifuna ukuba athunyelwe kum?

Ewe, ungakwenza oku. Siza kusebenzisana nawe ukukhetha umntu ofanelekileyo kwishishini lakho.

Ingaba umntu omtsha omnye angasebenza ehlawulelwa umvuzo wakhe ixesha elingaphezulu konyaka?

Hayi. Ulutsha lwe-YES lulinikwa eli thuba unyaka omnye. Ukuba ufuna ukumqesha umntu omtsha we-YES emva konyaka, umvuzo wakhe uza kuba luxanduva lwakho.

Sele ndibhalisile. Ingaba liqala nini ixesha lokuthunyelwa kwabantu kwiindawo abaza kusebenza kuzo?

Ngoku sisazama ukudala amathuba emisebenzi, inkqubo leyo enzima futhi ende.

Noko kunjalo, abasebenzi abalali ubusuku nemini bezama ukwenza umsebenzi wethu wokudalela abantu abatsha baseMzantsi Afrika abangasebenziyo amathuba emisebenzi asisigidi. Sakuba siwadalile la mathuba, siza kuqalisa ngenkqubo yokuthumela abantu abatsha kwezi zithuba. Ukuba ubhalisile, siza kuqhakamshelana nawe. **■**

Ingaba ndibhalisa njani ukuze ndibe yinxalenye yolutsha lwe-YES?

Ngena kwiwebhusayithi yethu ethi: www.yes4youth.co.za/youth-registration apho unokubhalisela ukuba yinxalenye yolutsha lwe-YES.